



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2014**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko nemihlathana.

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacelwa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A:	imizuzu engama-80
ICANDELO B:	imizuzu engama-40
ICANDELO C:	imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Ndibone kunyaka ophelileyo ukuba ulonwabo alunaziphumo zintle. [50]
- 1.2 Xa ndinokunikwa ithuba lokuba ndibuqalele ubomi bam. [50]
- 1.3 Iingxaki ezibangelwa kukukhethelwa kwabantwana ngabazali izifundo amabazenze kumaziko emfundo ephakamileyo. [50]
- 1.4 Iinkonzo zikaRhulumente azifikeleli ngendlela eyiyo eluntwini. [50]
- 1.5 Iindlela ezinokusetyenziswa ukulungisa isimilo solutsha oluqaqadekileyo. [50]
- 1.6 Isisila senkukhu sibonwa mhla ligquthayo. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[50]

1.7.2



[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela ubhuti wakho ileta umbulele ngokungazenzisiyo ngendlela akuxhase ngayo kwimiceli-mngeni othe wahlangabezana nayo emva kokulukuhlwa ziiitshomi.

**[30]****2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala imbali njengomntu okhanyiselweyo ngobomi bommelwane wakho oswelekileyo.

**[30]****2.3 UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala njengomphulaphuli udliwano-ndlebe oluphakathi kwentatheli yenkqubo kamabonakude kunye noMphathiswa wezeMfundo esisiSeko ngokuphuculwa komgangatho wemfundo eMzantsi Afrika.

**[30]****2.4 I-AJENDA NEMIZUZU**

Bhala njengonobhala wequmrhu elilawula abafundi i-ajenda nemizuzu yentlanganiso ebibanjelwe esikolweni sakho ngemicimbi yabafundi abangazimiselanga kwaphela ukuthabatha inxaxheba kwimidlalo.

**[30]****AMANQAKU ECANDELO B: 30**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**UMBUZO 3****3.1 IPOWUSTA**

Bhala ipowusta ubhengeze ishishini lakowenu lokwenziwa nokulungiswa kweenwele elisandula ukuvulwa kwindawo ohlala kuyo.

**[20]****3.2 IPOSIKHADI**

Bhala iposikhadi uvuyisane nodade wenu kuba ephumelele imbasa yegolide kwimidlalo yee – olimpiki ebiqhutyelwa eLondon.

**[20]****3.3 UMYALELO WERESIPHI**

Bhala umyalelo wendlela esenziwa ngayo isonka. Dwelisa zonke izithako ezisetyenziswayo neenkukacha ezilandelwayo.

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**